Ucwawgciso Sifundo Yokuqala
Ulwaziso Lwengwenkala

IZIPHUMO EZIMANDUNDU

CO #2: Yiba nokusebenzisana kakuhle nabanye eqeleni, embuthweni okanye.
CO #3: Zilungiselele, uzilawule nokukwenzayo kakuhle nangokuthembekileyo.
CO #4: Qokelela, uhlahlele, ulawule, ukwaxabisa mandundu ulwazi.
CO #5: Nxebelelana kakuhle usesebenzisa ubuchule bokubonakalisa, bezibalo okanye/nobentatho ngokwencoko okanye/nangokokubhala.

IZIPHUMO ZEMFUNDO

LO #2: Umfundi uza kukwazi, abenakho ukuqonda nokusebenzisa ulwazi lwenzululwazi, olwenkcubekho, nolwemimmandla.

Ubuchule:

- Ukuqonda kwenkcazelo.
- Uqukaniso lolwazi olunikiweyo.
- Ukubona kwendlela yenkqubo.

AMABANGA OXABISO

- Uhlahlelo lwazi ukuze kubenonciphiso bunzima boqondo nokhangelo zimpinda.

UKUFUNDISA KWESIFUNDO

Qwalaselisisa izise ko zimo eziphambili zengwenkala ngokuthetha isenzo kweizifundo zesigaba sesine.

ISENZO 1 – Landela umkhondo wekati (ilungiselelwe kwisenzo i-Track My Cat sasezu yase Cincinnati)

Esi senzo senzelwe ukomeleza ilantlukwano phakathi kwee-kati ezahlukeneyo njengokubonakaliswa kuLuhlu-1: Uthelekwaniso lolwazi-jikelele lwesigaba 4 naku Table 1: Uthelekwaniso lolwazi-jikelele lwesigaba 5. Abafundi bazoku landela umkhondo wengonyama, ingwenkala, ingqawa, ingwe-enamabala, ingwe nekati yasekhaya ngolinganiso lwendalwo yokuhlala, befunde ngasilwanyana ngasinye njengoko beqhubekeka kwesenzo. Bazoku funda noku kwenza kwanokusebezisa izikhokhelo semimmandla ezizezabo.

Ukwenzela esisifundo kufuneka umfundisi-ntsapho enze uthintsho kwigumbi lokufundela okanye okanye lindawo engaphandle ibe luthotho lwee " ndawo zokuhlala" ezifanele intlobo nganye yeentlobo zeekati. Ahlula indaw (ititshala/ititshalakazi angasenza isigqibo sobungakanani) ibe ngamacandelo amane enzelwe ukuba ngamadlelo ahsushu angenamithi (savannah), indawo eneentaba, ihlathi nendawo yasedolophini. Oku kungabonakaliswa lula ngokuthi kwahlulwe ngesinari ukuphawula indawo nganye okanye ngokubeka izinto ezibonakalisa ezindawo (ezizakubonakali imithi, ingca, amatyolo, namatye ngl.-ngl.) sebenzisa uphawu ukubonakalisa ukuba indawo ehtile imele mmandla mni (ummandla oshushu engenamithi, ihlathi njl.-njl.)

Ikati nganye inamakhasi asithandathu anolwazi ngalontlobo yekati. Ngaphezu koko, kukho amakhasi ongezelelekileyo, achaze nje ukuba kukho ikati eboniweyo. Lamakhasi angakotshwa ufuna-asebenza njengakhadi anganto uku kwenza nzima umsebenzi wokufumana lamakhasi achazwe ngaphambili ezi

La makhasi asithandathu abonelela ngolwazi lwezikati: Ngaphezu koku, zenza ulandelo-mkhondo lubenonyaniseko olungaphezulu, ngenga ngoko izilwanyana ezininzi zibonwa ngokufutshane kungakwazeki nokuzichaza ukuba zeziphi. Nikisa ngamakhasi olandelo-mkhondo wekat (Cat Tracking Cards) eklasini ngokweendawo zazo zokuphia / zokuhlala njengokulandelayo.

Ingonyama, Ingwenkala, Ingwe-enamabala, ingqawa ummandla shushu ongenamithi
Ingwe, Ingqawa, ingwe-enamabala ihlathi
Ingwe-enamabala - intaba
Ikati yasendlini idolophu

Ingwe-enamabala ineeseti ezintathu, ingqawa ineezimbini, ingwenkala, ingonyama, ingwe nekati yasekhaya zineseti enye nganye, Beka iseti ibenye kwezindawo zingentla. Kubamnandi ngaphezulu xa amatkasi enoku sasazwa kwimigangatho ngemigangatho kwno kubekwa nje emgangathweni ophantsi (floor). Umsekelo, ingonyama nengwe-enamabala zifumaneka emthini maxa wambi, ingwenkala ingazama ukuzimela emthunzini wemithi namatyholo, kanti iikati zasekhayo zingafumaneko naphi phakathi kwemimmandla edolophu.

Ubusazi?

Iingonyama, iingwenkala neengq – awa zonke ziphila kummandla oshushu ongenamithi

Ahlula abafundi babe ngamaqela asithoba. Iqela ngalinye lizakulandela enye yeekati kulemimmandla. Cacisela abafundi ukuba bangamaqela abaphandi benzululwazi abomsebenzi wokufunda ngokuphangalelelyo ngezi ntlobo zekati. Bazaku kwenza izikhokhelo-mmandla ukuncendana nabo nabanye ekuthombeni ezikati. Izikhokhelo sommandla yincwadana eyenzelwe ukunceda ukuhombeni kwezilwanyana emfanekisweni, kunenkcazelo emfutshane, kuquka nendawo yokuhlala / yokuphila, ummandla (range), isityo (diet) nokuziphapha ukuze ophephe isikhokhela abenokufundi ngokungaphezulu ngesilwanyana abasibonileyo. Abafundi bazi ne uhlobo ekhangeleka ngayo ikati nganye. Nkqu negama lekati buqu alaziwa. Abafundi badinga ukulandela umkhondo wezikai ukuze babenokufunda nangaphezulu ngazo. Amakhasi okulandela ekhondweni kweekati asasazwe egumbini kwezondawo zithile apho abatu bazibone khona. Injongo yeyokuba iqela ngalinye libenoku qokelela amakhasi olandelo mkhondweni wekati, babenoku khomba ikati yabo, besenza ukhokhelo mmandla besebenzisa ukumila kwezikhokhela mmandla ebandanyweyo.

Nika iqela ngalihye leenzululwazi ohlobo olwahlukileyo lwekati abazokulandela emkhondweni walo, iqela ngalinye lifumana ukhokhelo mmandla olungagowaliswangwa lonika inkangeleko yekati, kuquka nomphandle (outline) womzimba wekati. Njengoko okungagewaliswanga kwizikhokhelo mmandla ezingagcwaliswanga, abafundi babinga ukufunda ixesha lokusenbenza, isityo, ukuhlobana (social behaviour), uhlobo lokuzingela (hunting behaviour), ukuzala njl.-njl. Ulandelo-mkhondo lwenziwa ngoluhlobo olulandelayo: Abafundi bazakuzula egumbini bekhangela amakhadi olandelo-mkhondo angqamanisa nenkcazelo mzimba yekati yabo. Nokubu kukho olunye ulwazi kwikhadi lolandelo-mkhondo, eyona ndlela abafundi banokuqiniseka ngayo uluba ikhadi libhekisela kwekati yabo kukuyingqamanisa nenkcazelo enikwe kukhokhelo-mmandla. Iqela ngalinye kufuneka liqokelele amakhadi asithandathu angekati yabo. Xa kunokwenzeka umfundi afumane ikandi elichaza ikati engeyiyo yabo kufuneka balibeke kwakhona kuloondawo abalifumene kuyo! Kodwa ke xa benokufumana elinye langenanto exela ukuba kubonwe ikati engaziwayo, banakho ukulichola.

Xa abafundi bewafumene onke osithandathu amakhadi, kufuneka baze kutitshala/titshalakazi. Utitshala / titshalakazi uzakunceda abafundi bachaze ikati yabo ngegama ngokusebenzisa i-Table of Comparison efumaneka kwizifundo zisigaba sesine kuphepha 7. Emva kokuba ulandelo mkhondo lugqityiwe namaqela ehleli phantsi, qela ngalinye kufuneka lithatha ulwezi olukumakhadi ligcwalise isikhokhelo-mmandla sekati yabo. Kufuneka babhale ngokucocekileyo kango ngoko bekwazi ukuze abanye abafundi bakwazi ukusebenzisa oku njengesikhokhelo-nkombo. Cacisa ukuba indlela yokuziphatha, ngokokuphathelene nozingelo(hunting behaviuor), izakuquka ixesha losuku, ulhobo ethi izingele ngayo ikati njl.-njl. Xa iqela sele ligqibile ukwenza isikhokhelo-mmandla, nika iqela ngalinye ithuba likubonisa ngekati yabo kwabanye eklasini. Kufuneka bacicise apho ikati yabo ihlala khona nezinto ezityato kwakunye nembonakalo yokuzala, ukuzingela njl.-njl. Emva kokuba abafundi bazise ngeekati zabo, bakhuthaze benze uthlekwaniso phakathi kweekati. Xoxeni iiyantlukwano nokuyelelenyeo phkathi kwezinye okanye kwazo zonke iindidi ezifumaneka kwi-Comparison Table efumaneka kwizifundo zesigaba sesine kuphepha 7. Ukugqibelisa, ngokusebenzisa izikhokhela-mmandla zamaqela, hlanganisani nibhale isikhokhelo mmandla seklasi seekati.

Amakhadi Ezikhokhelo–mmandla

Ingonyama	**Ingwenkala**	**Ingqawa**
Ingwe	**Ingwe-enamabala**	**Ikati yasekhaya**

Amakhadi esikhokhelo mmandla: (Silhouette cards) eekati. Fotostatela emva wamakhadi emifanekiso emnyama phezu komva omhlophe

Iseti yengonyama

Iqela lezindala: iinkunzi neemazi zibonwa zilele phantsi komthi zingqengqile	Zibonwa zisitya inyamakazi enkulu ebusuku.	Iqela leemazi libonwa lilandela iquda (kudu), zeligqibelise ngoleqo olufutshane liliwisa iquda.
Iqela leemazi libonwa nesizalo samantshontsho (cubs) amane, aqikelelwa kwiinyanga ezisithandathu, zisitya umvundla.	Iinkunzi ezi-5 ezisencinci ngobudala zibonwa zizama ukuncekelela (court) imazi.	Jongene ngobuthaba (confronted) yinkunzi enkulu, uvungama inximza.

Iseti Yengwenkala

Imazi elilolo ibonwa iphantsi kwetyholo.	Imazi enesizalo samantshontsho amathathu ibonwa ileqa impala ngesantya esiphezulu, ngentsasa.	Inkunzi encinane ngobudala eqikelelwa kwiminyaka emibini ibonwa incekelela imazi.
Iinkunzi ezimbini zibonwa zichwechwela ibhadi (springbok) xa kuhlwayo.	Jongene ngobutshaba nelolo lenkunzi, ethe yabaleka.	Umama ubonwa eshiya amantshontsho eqikelewa kwiinyana ezi-18.

Iseti yengwe-enamabala

Ibonwa phezulu komthi nesidlo sayo.	Ibonwa ebusuku ixhumela inyamakazi ibulala ngokrwitsho (Strangulation).	Imazi ibonwa namantshontsho emini-maqanda.
Inkunzi encinane ememinyaka, ngoqikelelo, emithatu ibonwa incekelela imazi.	Imazi ibonwa ishiya amantshontsho aphantsi nje kweminyaka emibini.	Yongane ngobutshaba nelolo lenkunzi ezame ukuhlasela.

Iseti Yengwe

Inkunzi elilolo ibonwa ichwechwela ixhumela ihagu yasendle.	Iqela libonwa lesabelana ngesidlo ebusuku.	Ibonwa ichwechwela enye inzululwazi.
Ibonwa irhuqela ixhama phantsi kwekhusi ebusuku.	Inkunzi encinane eqikelelwa kwinyaka emihlanu ibonwa incekelela imazi.	Imazi ibomva ishiya amantshontsho ayo aqikelelwa kwinyaka emibini.

Iseti Yekati Yasekhaya

Ikati encinci enombala ungachanekiyo ibonwa idlala nempuku.	Imazi enamantshontsho amane ibonwa idlala egadini.	Ikati ebomvurha-mthubi enemigca ibonwa ibulala inkonjane encinane.
Ikati encinci emhlophe enamabala amnyama ibonwa kwisebe eliphezulu lomthi.	Ikati encinci engweru, enoboya obude ibonwa idlala neqela labantwane.	Ikati encinane emnyama ibonwa ixhumela iintethe ehtafe, edolophini.

Iseti Yenqqawa

Imazi ibonwa ishiya amantshontsho anonyaka omnye.	Ibonwe ixhumela intaka ebhabhayo ebusuku.	Inkunzi ibonwa ihamba ebusuku.
Ibonwa inyuka imthi, iphephe ithole lenyamakazi.	Iye yabeleka xa isondelelwa yenye yeenzululwazi.	Inkunzi encinane eqikelelwa kwiinyanga ezingama-14 ibonwa incekelela imazi.

Amacwecwe Ezikhokhelo-mmandla Angaqcwaliswanga

Igama lekati yakho:_____

Inkangeleko: Le kati inkulu inofele olumbala-mnye ompofu ezinye zinesiphelo somsila esimnyama iinkunzi zineezingci ezide.

Indawo yokuhlala:_____

Isityo:_____

Uhlobo Lokuzingela:_____

_____

Ubudlelwane:_____

_____

Ubudala bokufikelela inqanabo lokwabelano ngesondo:_____

_____

Isignogrisi / Ingozi emntwini:_____